



IBANGA

3

INCWADI
KATITSHALA

Platinum

Izakhono zoBomi

L. Moodley • L. Shaw • C. Gleeson-Baird • Z. Mahomed

Platinum Izakhono Zobomi Ibanga 3 Incwadi Katitshala

Maskew Miller Learning
10 Freedom Way, Milnerton, Cape Town, 7441

© Maskew Miller Learning (Pty) Ltd 2025

Onke amalungelo agciniwe. Akukho ngxenye yale ncwadi inokuthi iphinde yenziwe ngokutsha, iigcinwe koomatshini okanye isasazwe nangaluphi na uhlobo, okanye nangayiphi na indlela, eyombane, eyomatshini, eyokufota ikopi, eyokurekhoda, ngaphandle kwemvume ebhaliweyo efumaneke kwangaphambili yalowo unelungelo layo nongumniniyo.

Ukuba ufuna invume yokwenza ngokutsha nayiphi na ingxenye yale ncwadi, xhumana neSebe lamaLungelo neMvume kule nombolo 021 532 6000 okanye ungathumela i-imeyile kwi: rightsgranting@mml.co.za Ukuxela ukophulwa kwamalungelo, nceda uthumele i-imeyile ku: copyright@mml.co.za

Ishicilelwe ngowama- 20XX

ISBN 978-1-779-83517-8
ePDF ISBN 978-1-834-99081-1

Umpapashi ngu: Allison Staals
Umhleli olawulayo ngu: Ru Bailey
Yahlelwa ngu: Nomxolisi Jantjies
Umphandle wencwadi uyilwe yi: MML Visual Design
Umfanekiso wekhava ngu: MML Visual Design
iNcwadi iyilwe yi: MML Visual Design
Imifanekiso ngu: MML Design Studio; Karien Barnes
uMdibanisi wonobumba abaza kushicilelwa ngu: JSquare Studio
Ishicilelwe ngu:

Imibulelo

Umbhali kunye nomshicileli babulela aba balandelayo ngokusetyenziswa kwemifanekiso:

Shutterstock:

p232, Chase D'animulls; p260a, parinya wetchasan; p260b, maksin_priestess; p260c, KRPD; 260d, Real Vector;
p263a, parinya wetchasan; p263b, KRPD; p263c, maksin_priestess; p263d, Real Vector; p362, Jeroen van den Broek

Isiqulatho

Intshayelelo	v	Isihloko sesi-8 Imijikelo yoBomi	180
Ukusetyenziswa koMqulu	vi	Ukulungisa	197
Isihloko soku-1 Okumalunga nam	1	Ukwandisa	198
Iphetshana lokuSebenzela		Intloko yesihloko sememorandam	200
lemiThombo loku-1:	14	Isihloko se-9 Ukusetyenziswa kwakhona	201
Ukulungisa	15	Ukulungisa	227
Imemorandam	19	Ukwandisa	229
Isihloko sesi-2 Iimvakalelo	21	Intloko yesihloko sememorandam	231
Ukulungisa	38	Uhlolo olusesikweni kota yesi-1	232
Ukulungisa	40	Ikota yesi-2: Uhlolo olusesikweni	
Ukwandisa	41	Imemorandam	236
Intloko yesihloko sememorandam	42	Isihloko se-10 Ukhuseleko kwiiNdawo zoluNtu	240
Isihloko sesi-3 Ukhuseleko empilweni	43	Ukulungisa	260
Ukulungisa	60	Ukwandisa	261
Ukwandisa	61	Intloko yesihloko sememorandam	263
Intloko yesihloko sememorandam	63	Isihloko se-11 Ungcoliseko	264
Isihloko sesi-4 Ukugcina umzimba wam ukhuselekile	64	I Isigama	276
Ukulungisa	86	Ukulungisa	278
Ukwandisa	88	Ukwandisa	280
Intloko yesihloko imemorandam	89	Intloko yesihloko Imemorandam	281
Isihloko sesi-5 Amalungelo namaxanduva	90	Isihloko se-12 Indlela ababephila ngayo abantu mandulo	283
Iphetshana lokusebenzela lesikhokelo sephazili	108	Ukulungisa	296
Ukulungisa	109	Ukwandisa	297
Ukwandisa	111	Intloko yesihloko imemorandam	298
Imemorandam	114	Isihloko se-13 Emajukujukwini	299
Uhlolo olusesikweni Ikota yoku-1	115	Ikota yesi-3: Uhlolo olusesikweni	319
Ikota yoku-1: Uhlolo olusesikweni		Ikota yesi-3: Uhlolo olusesikweni	
Imemorandam	117	Imemorandam	320
Isihloko sesi-6 Ukutya okusempilweni	122	Isihloko se-14 Iimveliso neenkqubo.	324
Iphetshana lokusebenzela: Ukudityaniswa kwesigama	142	Isihloko se-15 Iintlekele nekufuneka sikwenzile.	334
Iphetshana lokusebenzela: Indlela yokwenza itshizi	144	Ukulungisa	345
Ukulungisa	146	Imemorandam	346
Ukwandisa	148	Isihloko se-16 Izilwanyana nendalo eluncedo kuthi	347
Imemorandam	150	Ikota yesi-4: Uhlolo olusesikweni	362
Isihloko sesi-7 Izinambuzane	152	Ikota yesi-4: Uhlolo olusesikweni	
Isigama	173	Imemorandam	363
Ukulungisa	174		
Ukwandisa	176		
Imemorandam	178		

Molo Titshala

Ngethuba ungena kwigumbi lakho lokufundisa yonke imihla awungeni kwindawo efakwe idesika nencwadi.

Ungena kwindawo apho kukho uxanduva lokwakha, ubomi,ubumbhe umntu, kuphuhle izakhono nentalente. Nje ngo Titshala unamandla oku khokela uphuhlise italente ezibonakalayo nezifihlakeleyo ukuze kufumaneke inkokheli zangomso, ezinezakhono, kubekho utshintsho eluntwini.

Ngothando nenkathalo oyenzayo ubonakalisa uthando kumsebenzi wakho. Utyala imbewu gothando noxolo, ukhuthaza ukhathalelwano, ukwabelana nohloniphana.

Konke oko kuyakubafundisa ubuntu abantwana.

Akusithelanga ukuba akuzukuba lula ukufikelela, ngakumbhi kwindawo enemcela mngeni wezixhobo ezinqabileyo. Ukufundisa kungumcela mngeni ngokwawo, kodwa phantsi kwezomeko wenza umahluko ebomini. Uyabakhuthaza abantwana ukuba bazi ukuba ubomi babo buqaqambhile, kwaye buxabisekile, bujongiwe ukuze baphumelele, baqaqambhe kungekho nto ibanqandayo.

Siza nezixhobo zokufunda ezakhiwe phantsi kwenqubo ka CAPS. Injongo ikuku gxila ekudibaniseni nasekuphuhliseni isakhono sokuba umntwana afumane ithuba lokuzibonela, akwazi isigqibo ngokwakhe enganyanzelwanga kungacalulwa wonke umntwana ejongekile.

Imifanekiso, amabali, izifundo ziveza ulwabelano lwethu lokuhlala. Yonke lonto yenza ukuba wonke umntu azive amkelekile kwi gumbi lokufundela.

Nanje ngokuba singalibalanga ngawe, inkathalo nokhuthazo kubafundi lubalulekile.

Sifake izixhobo ezizakugcina unomdla, uphilile unolangazelelo, oko kukhuthaza nabafundi. Akupheleli ekufundiseni, ubonakalisa uthando nentsebenziswano into eyenza ukuba nabo basebenze ngenyameko.

UMzantsi Afrika usebenzisa loMthetho weSebe lezeMfundo owongeziweyo (BELA) oshicilelwe ngo-2024, enjongo ikukwandisa nokuqinisa nokwamkela ingena mkethe.

Inxaxheba yakho kulenjongo ibalulekile kakhulu. Ulwazi lwakho kuzo zombini uCAPS no BELA kuyakuba luncedo kubafundi, bayilangazele impumelelo bexhobile.


Nguwe umlamli onamandla onokukhuthaza utshinjo olunia umdla, abafundi bakukhula ngokubukela kuwe. Awufundisi nje kuphela, wakha nobomi babo, ukuze bube lulutho ehlabathini,eSizweni nase Lizweni lonke jikelele.

Siyabulele ngayo yonke inxaxheba nemigudu oyenzayo kumcibi wezemfundo.

Indlela yokusetyenziswa kwalo Mqulu

Wamkeleki kwizaKhono zoBomi kwiBanga lokuQala. Lo Mqulu uneNcwadi yomfundi- neNcwadi kaTitshala ukukhuthaza nokuphuhlisa ukufundiswa kweZakhono zobomi kwiBanga lokuQala. IzaKhono zoBomi zibhalwe ngokulandela umgaqo ka CAPS. Xa usebenzisa lo Mqulu kuyakunyanzeleka uqiniseke ukuba ufikelela kuwo wonke umsebenzi ochongiweyo.

IzaKhono zoBomi zakhiwe zenzelwa ukuba zihambelane nenkqubo kaCAPS ngolu hlobo:



Uyisebenzisa njani iNcwadi kaTitshala neNcwadi yoMfundi

Ikota nganye kwiNcwadi yoMfundi inombala okhethekileyo okuncedayo ukuba ngaba usebenza ngeyiphi ikota.

Isifundo ngasinye naso sinombala okuncedayo ekubeni ubone ukuba sesiphi isakhono ofikelela kuso kolo suku okanye kulo veki.

Isiqalo sesihloko ngasinye sichaza iziphumo, imibuzo yokucinga nzulu, nezixhobo ezicetyisiweyo.

Uhlobo nezixhobo ezikhethiweyo

Isifundo	
Iziphumo	
Ukucinga okunzulu	
SKAVS (IzaKhono, uLwazi, ukuziPhatha ne Ntlonipho	
Ukuqala kolwazi	
Ukuhlola	
Izibonelelo	

Isihloko ngasinye sizakucaciswa ngolu hlobo:

Indlela yokufundisa okanye ubuchule, buquka:

- Ingcebiso ngoku dibanisa ukwamkelana ngoko buhlanga.
- Ukuphawula kokukhula kolwazi ngokubonisa ukwamkelana ngobuhlanga.
- Indlela yokucacisa ukuba bangancedwa njani abafundi abahlukeneyo ngokucinga
- Lingenziwa njani igumbi elikhuthaza ukufunda nokudlala
- Isivuli-sihloko esingu 'Masiqalise'
- Umkhombha ndlela wemisebenzi
- Umkhombha ndlela womsebenzi 'Masikhangele'
- Uhlolo lwemisebenzi olusesikweni
- Imisebenzi enokukotshwa

INkcazelo yePolisi yeKharityhulam nokuHlola (CAPS)

- Eli lixwebhu olunika umkhomba-ndlela kwindlela yousebenza, inika uMxholo nendlela emakuhlolwe ngayo kuzo zonke izifundo zikaZwelonke ukusuka kwiBanga labaQalayo ukuya kwiBanga le-12.
- **IziCwangciso zokuFundisa zoNyaka eziHlaziyiweyo zezaKhono zoBomi (ATP) zinika umkhombandlela nesikhokelo sokuqulunqa somxholo nendlela yokuhlola kwisiGaba esisisiSeko (R-3)**

IzaKhono zoBomi ATP ixhasa oku kulandelayo

✓ Ukucinga nzulu	✓ Ukusombulula ingxaki
✓ Ukuthatha isigqibo	✓ Uxanduva
✓ Ukuzazi	✓ Ukuzilawula/ ukuziphatha
✓ Ukuzixabisa	✓ Ukuzazi ngobuhlanga
✓ Ukuzilawula ngokwemeko	✓ Ukuphatha ngendlela
✓ Ukwamkelana	✓ Ubume
✓ Imbeko	✓ Inkathalo
✓ Ingqondo yokwamkela	✓ Unyamezela

UKwabiwa kweXesha

Ixesha elabelwe ukufundisa kwisiGaba esisisiSeko limi ngolu hlobo:

ISIFUNDO	Ibanga R (IIYURE)	Ibanga 1-2 (IIYURE)	Ibanga 3 (IIYURE)
ULwimi lwaseKhaya	10	7/8	7/8
ULwimi lokuQala oloNgezelelweyo		2/3	3/4
IMathematika	7	7	7
IzaKhono zoBomi	5	5	5
• ULwazi olusisiSeko	(1)	(1)	(1,5)
• EzobuGcisa	(1,5)	(1,5)	(1,5)
• EzemiThambo	(1,5)	(1,5)	(1)
• UkuziPhatha neNtlalo	(1)	(1)	(1)
Imibhalo efihliweyo neeRobhothiksi	(1)	(1)	(1)
Iyonke	23	23	25

Ukwabiwa kwexesha kwinkalo yokufunda kwizaKhono zoBomi kwisiGaba esisisiSeko

Ibanga R-2		UKWABIWA KWEXESHA NGOKWEKOTA	Ibanga 3		UKWABIWA KWEXESHA NGOKWEKOTA
ULwazi olusisiSeko nokuziPhatha neNtlalo	Iiyure ezi-2 ngeveki	Amashumi angama-50 eeyure	ULwazi olusisiSeko nokuziPhatha neNtlalo	Iiyure ezi-2,5 ngeveki	Amashumi angama-50 eeyure
EzobuGcisa	Iiyure ezi-1,5 ngeveki		EzobuGcisa	Iiyure ezi-1,5 ngeveki	
Ezemithambo	Iiyure ezi-1,5 ngeveki		Ezemithambo	Iiyure ezi-1 ngeveki	

ITHEMPULEYITHI YESICWANGCISO SESIFUNDO

Umhla:
Ibanga:
Isifundo: Isakhono soBomi
Umxholo:
Isifundo esikhethiweyo:
Ulwazi lwangaphambili:
Iphepha ku CAPS:
Inani labantwana egumbini:
Injongo emva kwesifundo.
Emva kwesifundo abantwana kufuneka bazuze oku: Ulwazi: Izakhono: Imbeko nokuthoba:
UHLOLO:

Izigaba zesifundo (umongo womxholo, imisebenzi, indlela yokufundisa).

Isiqalo:

Ukukhula:

Unxulumaniso:

Iyantlukwano, ulingano nobandakanyo

Kwesi siqendu, cinga ngegumbi lakho lokufundisela. Yiba nomfanekiso ngqondweni wabafundi behleli phambi kwakho bonke, umntu ngamnye enebali lakhe, ulwazi, nemicela mngeni eyohlukeneyo. Cinga ngomfundi obulalekayo kukulandela isifundo, okanye na ntoni na yangaphandle eyenza ukuba aphazamiseke ekulandeleni izifundo. Wenza ntoni ngala mzuzu? Mizamo yini oyenzileyo? Benze bazinze ukuba uyayibona ingxaki, ubancedise kuyo.

Igumbi lakho lokufundisa linabafundi abahlukeneyo ngendlela ngendlela, ngokungalingani nezidingo.

Ilizwe lethu linoxanduva lenzokolo yokungalingani ngobuhlanga indlela yokuphila nezo mnotho. Yonke lemeko iyacaca kwigumbi lokufundela, kulapho kanye apho icaca kakhulu. Wena njengoTitshala unoxanduva lokwenza unako nako wokubona bonke abafundi bafumane ithuba lokuhoya ukuze baphumelele. Nokuba zikhona iziphazamiso okwakho kukubaxhasa baphumelele.

Esi siseko uCAPS sithatha imeko yokungalingani nokwamkelana nje ngoxanduva. Iyakhuthaza into yokuba kungajongwa ukufundisa kodwa, makuqatshelwe umfundi ngamnye ngokwemeko akuya ukuze baphumelele.

Buyazeka ubunzima abahlangabezana nabo ooTitshala kodwa noxa kunjalo ngabo abangaphambhili nabajongene nayo ngqo.

Yiyo lonto izixhobo zokufunda nokufundisa zancedisana nawe. Ezi zixhobo zibonisa imfuno ezivela kumsebenzi owenziwayo ngabafundi, intsokolo abahlangabezana nayo, kungoko kufuneka uxhaswe ukuze kubekho impumelelo. Kuqaqambhe nekamva labo bakwazi ukuba lulutho ekuhlaleni nakwi lizwe ngobubanzi.

Kulo Mqulu sijonga iindidi ezili-10 zeyantlukwano. Zonke zikhethwe ukuze ziqinisekise imbonakalo ebanzi nequka ukohluka ngobunjani, iimbono namava.

Iindidi zokwamkelana

Ihlelo lokwamkela	Ingcazelo	Isalathiso
1. Ukwamkelana ngokobuhlanga nangemveli	Imele indidi zobuhlanga imvelaphi ezahlukeneyo Uqinisekisa abafundi bayayazi imveli nezithethe	Sifake abadlali, ababhali neenkukacha zemveli ezivela kwiintlanga ngeentlanga. La mabali nemizekelo ziquka okwahlula uluntu ngokwemveli namasiko.
2. Ukwamkelana ngokwesini	Ububanzi besini bumele zonke indidi kwaye kuquka ingxoxo malunga nesini.	Kumxholo kukho zonke iintlobo zesini ngokulinganayo.
3. Ukwamkelana ngezentlalo noqoqosho	Oku kubonisa ukubandakanyeka kwabantu bemvelaphi ezahlukeneyo zoqoqosho nokuxoxa ngemiba yokungalingali ngokoqoqosho.	Sifake abadlali abasuka kwiindawo ezahluke ngokwentlalo noqoqosho, sibonisa imiceli-mngeni enje ngokufikeleleka kwezemfundo, ukhathalelo lwempilo nezinto. Abafundi bazibandakanya kwiingxoxo eziqhelekileyo kwaye basebenzisa nemizekelo yokwenyani ebonisa iyantlukwano. Nto leyo yenza umxholo uqheleke.
4. Ukwamkelana ngeelwimi	Ukwamkelana ngelwimi kubonisa ukungamezelana Koluntu oluthetha Iilwimi ezingafaniyo	Umxholo uquka konke malunga neelwimi ezininzi kwaye ukhuthaza abafundi bahloniphe iilwimi ezahlukeneyo. Sifake imizekelo ebonisa ukubaluleka koguqulo lwentetho notoliko ngakumbi kwihlabathi elidinga abafundi ukuba bamkelane kwiindlela zonxibelelwano.
5. Ukukhubazeka	Apha kuthethwa ngabantu abakhubazekileyo ngendlela ezahlukeneyo nokungafumani kwabo amathuba ngenxa yemeko abakuyo.	Abantu abakhu bazekileyo babandakanyiwe, kukulungiselelwa ukuba babe yiNxalenye kuMabali nemi sebenzi. Sithetha ngeengxaki zofikeleleko nokuba ngokomzimba, ngokweteknoloji, kuluntu nangeendlela zokusebenzisa iilwimi.
6. Ukuthetha nge simo socantsi nokwamkelana kwimekoyaso. LGBTQ+	LGBTQ+ oku kuquka abantu abathandana nabo banesini esifanayo nesabo kunye nabantu abaziquka kwizimo socantsi ezininzi ezahlukeneyo. Uphawu u+ lumele ubandakanyo lwazo zonke izini nezimo zocantsi ezahlukeneyo ezingapha kwezo uninzi oluziqhelileyo. Eli ligama elisetyenziselwa ukuquka wonke ubani oyinxenye yale ndlela yokuphila kwaye ikhuthaza uquko lakhe wonke ubani.	Zonke iintlobo zosapho lweLGBTQ+ zikhankanyiwe encwadini ziveza ukubaluleka nokwamkelana ngokwesini. Sifake imizekelo neziganeko eziveza amalungelo omntu ngamnye. Loo nto inceda abafundo baqonde kwaye bahloniphe ukwahlukana kwimeko yesini.


Ihlelo lokwamkela	Ingcazelo	Isalathiso
7. Ukwahlukahlukana ngokwenkolo nangezomoya	Apha kuphawulwa iindlela ezahlukeneyo ngokwenkolo nangokomoya.	Incwadi yethu iveza iindlela ezahlukeneyo zenkonzo nokholo, nezinto emazeniwe kuluntu. Kule ncwadi sikhuthaza iingxozo zeenkolo ezininzi ukunceda abafundi ukubabaqonde kwaye bahloniphe iinkolelo ezahlukeneyo. Iimbono zabo bangazibandakayiyo nazo zikhona ukuze siqinisekise ukhlonitshwa kweenkolo ezahlukeneyo nokuba wonke ubani ufumana ithuba lokuzibona.
8. Ukwamkelana ngeminyaka	Ukwahluka ngokweminyaka kuquka abantu abangalingani ngeminyaka nokuxoxa ngemiba emalunga nokukhula.	Incwadi iquka abantu nemizekelo yabantu abalulutsha nabo badala. Siphawula ukubaluleka kobudlelwane phakathi kwabantu abangalinganiyo ngokweminyaka nokuthetha ngezihloko ezifana nokuthatha umhlalaphantsi nocalulo ngokweminyaka. Oku kunceda abafundi bazi ukuba wonke ubani ubalulekile ekuhlaleni.
9. Ukwamkelana ngokwemimango	Ukwamkelana ngokwemimango kucacisa indlela yokuphila kubantu baloo ndawo iquka konke ekuhlaleni nangaphandle.	sihlalutya indlela yokicinga nokufunda ngo- kuveza indlela zoku fundisa azivumele zonke iindidi, intlobo Zokufunda.
10. Ukwamkelana ngokwemimango	Apha kucaciswa ngendlela esifunda ngazo, bambi balandela msinya, Abanye bathatha kade kufuneka kuphindaphindwe Ngenxa yemeko.	Sihlalutya indlela yokiucinga nokufunda ngokuveza indlela zokufundisaezivumela zonke iindidi, intlobo zokufunda. Imisebenzi ivumela abantu abaneemfuno ezahlukeneyo zokufunda. Kwaye iyilelwe nokukhuthaza ubandakanyo. songeze imisetyenzana yaphambi komsebenzi.

Iigumbi lokufundela oluqakayo nolwamkela iyantlukwano

Nje ngoTishala okwakho kukuqinisekisa ukuba igumbi lakho lokufundisela yindawo yoxolo, konwatywe, kumnandi kuyahlekwa kwaye kukho intlonipho. Nazi izinto ezili-10 onokuzenza ukwenza kubekho ukhuseleko kubemnandi kwiTheyibhili yoku-1 ngasentla.

Iyantlukwano kwigumbi lokufundela

Nje ngotitshala, indima yakho yeyokuqinisekisa ukuba igumbi lakho lokufundela yindawo yoxolo, konwatywe, kumnandi kuyahlekwa! Nazi izinto ezili-10 onokuzisebenzisa ukugcina igumbi lokufundela yindawo yolonwabo nekhuselekileyo.



Yamkela ukungafani kwabafundi

Kubakulekile ukuba abafundi bazibone kwaye babone nolwazi olwahlukeneyo eklasini. Oku kutsho ukuboniswa ngokohlukana ngokobuhlanga, intetho, inkolo (udibanisa LGBTQ+) iminyakaa nendlela zokufunda. Incwadi yethu iquka abantu bendawo ngendawo ukuphuhlisa imeko zokuphila. Sikhetha ngenyameko imizobo, imifanekiso, nomxholo ophuhlisa imeko zokuhlala nenyani ngelizwe lethu loMzantsi Afrika namanye amazwe. Siyakhuthaza nawe wenze njalo kubafundi. Amabali

Ukusetyenziswa koMqulu

wakho mawabonise umfanekiso ngqondweni phakathi kwelali nedolophu, ncokola nangabantu bakhona ukohluka kwabo, njalo ukhuthaza indlela yokufunda ubandakanya I-LGBTQ+, ncokola ngeminyaka inkolo ngesini udibanisa nezomnotho welizwe, ezenza ukuba nabo bachaphazeleke. Veza umahluko ngathi kumazwe angaphandle. ukuze bazibone bexabisekile kwanYe beyinxalenye yolontu ngokupheleleyo.

Ukungakhethi nokuqaphela ukuba nelungelo

UNksz. Adams wayefundisa isifundo samasiko nezithethe. Abafundi bakhe babesuka kumakhaya angafaniyo, eyivuyela loo nto. Ekuqaleni ucela umfundi ukuba axele inkolo okanye isithethe sakowabo. ULebo intombi ezithembhileyo iphakame kuqala icacisa ngendlela abayonwabela ngalo usuku lwe Krisimesi nje ngamaKrestu. Kuphinde kwaphakama uAmina ethandabuza, bona kokwabo bangama Islam, ucacise indlela bona abayonwabela ngayo I-Eid, kwangoko basebezela omnye kubo ngempazamo wakhwaza, “Asiyo holide yokwenene”, ucacisile.

UNksz. Adams kwangoku uqaphele ukuba ukhona umoya ophazamisayo. Uthathe isigqibo esikhawulezileyo, waqimisa ingxoxo. Wacela abafundi ukuba baphefumle kulo mba. “Kuthetha ukuthini ukungahloniphi inkolo nesiko lomntu? Ungava kanjani xa kusithiwa kuwe eyakho inkolo nosuku oluvuyelayo aluyonyani? Kwathi cwaka egumbini, abafundi becinga ngentetho zabo.

Ucacise ngokubaluleka kwentlonipho, nomahluko ngenkolo. Usebenzise umzekelo ka Amina njengesifundo, engangxolisanga mntu. Woyame kumqulu ebafundisa, eqhuba incoko ngokubaluleka kokuhlonipha zonke iindidi zenkolo zabanye abantu nokuba wena awuzazi. Abafundi babona ukuba ukungabi namkhethe kubalulekile, kwaye yintlonipho.

Isifundo sika Nksz. Adam nabafundi

Umkhetho nokucingelana kwenzeka ungacingelanga

Mhlawumbi ungafuni ukuvisa omnye kabuhlungu, Abafundi bathetha bengacinganga kodwa bafunda ukuba ukuzola umamele Ngentlonipho kubalulekile.

Wonke umntu ubalulekile

UNksz. Adams waqinisekisa ukuba uAmina uyavakala nokuba amava wakhe ahloniphekile kumntu wonke. Ngokubandakanya wonke ubani wagcinisisa ukuba iimvelaphi zabantu azifani kwaye masizihloniphe.

Khuthaza ukuzibenca

Endaweni yokuba athethe uNksz. Adams wamema abafundi bakhe ukuba bangava njani ukuba bangaba abakule meko ka-Amina. Oku kuncede abafundi baqonde ukubaluleka kovelwano nokwazi iintsukumo okanye izenzo zabo.

Kuthaza ukuxoxa

Xa umkhetho okanye ukudelela kukhona kufuneka kusionjululwe kwangoko. Vula ingxoxo uuze bafunde ukuba amanye amagama nentetho zingonzakalisa. Baxhobise ukuba bahlukane naloo ngqondo.

Ukufunda ngempazamo

Ukuphazamiseka kungasisifundo. Nksz. Adams usebenzise ixesha lokuba bafunde ukuzibhenca kuqikelelo lwabo, eba bonisa ukuba egumbini lokufunela kulapho sikhula khona ngokupheleleyo.

Kutheni kufuneka sibahlole abantwana?

Sibahlola ukuze:

- sijonge abakwaziyo nabangakwaziyo kulwazi
- sigcine ingxelo ngomfundi ukwazi ukubona indlela akhula ngayo, ungajongi Umsebezi weveki okanye Wosuku.
- sijonge ukuba umfundi uqhuba njani na, ingaba lukhona uncedo oludingekayo?
- sijonge iziphazamiso uzame ukuzisombulula.
- sibe nomfanekiso opholelelo malunga nomfundi ngamnye, siqonde apho bagqwesa khona, apho kukho imiceli-mngeni kunye nokubanika umdla neemfuno zabo.

Ukuhlola kudibanisa indlela zokubona nokulandela umsebenzi wabafundi. Uhlolo lwarhoqo luveza ukuba balandela njani. KwisiGaba esisiSiseko lwenziwa uhlolo oluqhubekayo rhoqo, ukuze ubone kwangoko xa kukho uncedo olufunekayo. Oku kunceda uhlole iindlela yokufundisa nokuphuhla komfundi ukuze uthathe izigqibo ezizizo nemiyalelo yemihla ngemihla.

Ukuhlola okufundiweyo kufakwe ngokungasokolisiyo kwinkqubo yokufundisa, apho iindlela ezonwabisa nesixhasayo zikhuthaza abafundi ukuba bazibandakanye.

Iminwe phezulu na phansti

Yenza oku emva kwe-sifundo, ukujonga ukuba bayalandela na.

Ukulandela umxholo

Jonga ukuba abafundi bayenza njani imisebenzi, uze ubuze imibuzo ekhokelayo.

Itikiti lokuphuma

Abafundi bazoba babhale ngento abayifundileyo.

Cinga nge ntsebenziswano

Umfundi ngamnye uyazicingela, axoxe nomlingani, aze emva koko abelani neklasi.

Ingxelo nomhlobo

Abafundi banika ingxelo kubalingani baze banikise amanqaku alula akhayo.

Ijenali yokufunda

Abafundi bagcina ijenali yokugcina konke abakufundileyo. Le ikwayiyo nendlela yokujonga inkqubela.

Umsebenzi wamaqela nemidlalo nokusebenzisana

Imibuzo ngexesha lesifundo

Sebenzisa imibuzo enika iimpendulo ezininzi, ukuze ukhuthaze abafundi ukuba bacacise ingqiqo.

Ukusetyenziswa koMqulu

Uhlolo njengendlela yokufunda kupha umfundi amathuba okujonga inkqubela phambili kwaye kukhuthaza umfundi ahoye inkqubo yakhe yokufunda. Ngolu hlobo bahlala behlola ulwazi, loo nto ikhuthaza ukufunda nzulu nokuzazi.

litshati zokwazi nokufuna ukwazi

Abafundi bagcwalisa abakwaziyo, abafuna ukwazi ekugqibeleni bahlanganise ulwazi nabebekwazi

Ingamango ngekhonsepthi

Abafundi benza imaphu ezibonisa abakwaziyo ze bongeze ulwazi olutsha njengoba befunda.

Ukungqubanisa iingqondo

Ngokuthetha bavula ulwazi kuvela izimvo zokuhlangabenzana.

Amatikiti ophuma

Abafundi bachaza ngendlela ulwazi olutsha lunxulumana okanye luphuhlisa oskuele bekwazi

Ugqibezelo lwebali

Unika isiqalo sebali wenze abafundi baligqibezele.

Yintoni engekho?

Abafundi baveza izimvo zemibono yabo nakubona kuzintsalela ezibangela ibali libe lingapheleli

lingxoxo

Qala isifundo ngokucela abafundi batsho ukuba isihloko sanamhlanje sinxulumene njani nesidlulileyo

Ijenali yokufunda

Abafundi babonakalisa rhoqo ngeveki ngendlela ulwazi olutsha lunxulumana noludala okanye osele bekwazi.

Uhlolo lokufunda luza nobungqina ngamaxesha athile, loo nto inceda uthekelele inkqubela uze uthathe iozigqibo ezifanelekileyo.

Uhlololokuphela

kwekota
Uvavanyo ukubanjwa komxholo kwisifundo

Imibuzo eyindida

Uhlolo olufutshane oluhlola emveni kwesifundo

Umsebenzi obhaliweyo

Umsebenzi wokuhlola ulwazi ngokubhala

Iiprojekthi

Imisebenzi yokudala ukubonisa ulwazi.

Uvavanyo lokufunda

Olu luqondene nokuhlolwa kokuqonda nokuzithemba kumfundi ngoko akwaziyo

Imisebenzi evelisayo

Imisebenzi enikwa ukuze abafundi bayenze besebenzisa ulwazi lwempilo

Ipotifoliyo

Inggokelela yemisebenzi ukulandela inkqubela emva kwexesha elithile

Uvavanyo-lwazi ngomlomo


Uvakaliso, nobaliso lokuqonda kwesifundo ngomlomo ngumfundi

INkcazelo yeKharithyulamu yeSizwe eHlaziyiweyo, iNCS ngokushunqulelwe kwisiNgesi ibonisa, ukubhala nokufunda, uzibalo neeZakhono zoBomi njengezona zinto zintathu ezibalulekileyo kwisiGaba esisiSiseko efuneka zihloliwe.

ISebe lezeMfundo esisiSiseko lunika Isikhokhelo Semfundo Yesiseko ukuxhasa ootishala ekufundiseni nokulungelelanisa izifundo kunye noCAPS. Olu thotho lwezifundo lwahlula-hlukeneyo ngomxholo nakuyilo lwalo lunceda utishala nabafundi bakhe bahlangabezane nokufunwa ziinjongo zohlolo nje ngoko kumiselwe kwi NCS.

Iindidi zokuhlola kwisiGaba esisisiSeko.

Isebe sigunyazisa iindidi ezi-4 zohlolo kwisiGaba esisisiSeko nje ngoko kushicilelwe kwi-NCS.



Ibali likaLeah

Utishala waqaphela uba uLeah ukhetha usebenza yedwa nokuthi engadlali nabanye abafundi ngexesha le khefu. Ebekufumana kunzima ukulandela imiqathango enikwa ngomlomo adandatheke xa iphinda imiyalelo. Noxa ebeqaqamba ezithembile xa kusenziwa umsebenzi wezandla, ebeva ubunzima ekuvakaliseni izimvo zakhe, ohluleleke ukujongana ngamehlo kwenze kube nzima unxibelelwano naye ngootishala. Nanjengoba unyaka uqhubela phambili, umzali notishala baba nenxalabo ngaye. ULeah ebebalasele kwizifundo zezandla nobugcisa esiva ubunzima obugqithisileyo kwimvakalelo nonxibelelwano. Umzali ebeva umceli-mngeni ekuqondeni obu bunzima bohlukeyo kubantwana abalingana naye. Emva kwentlanganiso eziliqela Phakathi komzali nootishala, uLeah wathungelwa kuvavanyo. Kusemva kwezinzame apho usapho neziko lemfundo lika Leah lwafunda ngesimo sakhe se-Autism. Kwiminyaka emininzi edlulileyo, uLeah ebeva ubunzima obugqithisileyo kwiimvakalelo, nonxibelelwano kunye nokuzibandakanya kwimidlalo nabahlobo - unobangela woko ubungaziwa. Ngolu lwazi lutsha, utishala nomzali kaLeah baye basebenzisana ukumxhasa. Utishala wenza maqhinga matsha, izixhobo ezibonakalayo kunye nombeka bucala kwindawo engenangxolo. ULeah wanikwa ixesha elandisiweyo namathuba okusebenza yedwa okanye namaqela amamcinci. Ulwazi nge-Autism imxhobisile utishala wakwazi ukumxhasa wabuyisela amandla nokwezithemba kuLeah. Emva kwexesha, ufunde amaqhinga okuphuhlisa imvakalelo nokwazi uskuebenza nabahlobo. Ngoncedo alufumeneyo, umfundi.


Indlela yokufundisa ngothetha nangokwenza

IVariyeshini yindlela ebonisa ukuba abafundi babona njani, kwaye yintoni abayaziyo bekwazi ukusebenzisa oluhlobo lujikajikayo. Inceda ukuba bakwazi ukubona nokuba bave.

Nazi indlela ezibalulekileyo kwivariyeshini

1. **Gxila kokobunakalayo:** uTishala uchonga impawu ezibonakalayo kwimfundiso aphuhlise yona.
2. **IPateni ebonakalayo:** Kusebenza ipateni ezahlukeneyo ukubonisa umahluko. Ezi pateni ziquka oku:
 - **EBONAKALAYO:** Fundisa ngomzekelo ophikisayo ukuveza umahluko.
 - **UQUKO:** Ukusenzisa iVariyeshini kwisifundo kwenza ukuba basibone banzi.
 - **UKWAHLUKANA** Kufundiswa impawu nganye nganye ukuveza ukubaluleka kwazo.
 - **UDIBANISELWANO** Xa udibanisa impawu ezinika umdla uzijonga ukuba zihambhelana ngani nesifundo.
3. **UKUBONA NOKUQONDA:** Ngokubana imizekelo eyohlukeneyo abafundi bayakwazi ukujonga ukuba kokuphi okubalulekileyo bazithathele isigqibo.

UKWENZA IZIFUNDO EZIYIMPUMELELO



UKOMELELA ANAMANDLA KUTITSHALA

Ukufundisa abantwana kuluxanduva olukhulu. Lufuna umntu ozinikezeleyo, kuba kuthatha amandla nexesha lakho. Nobungozi bubakhona ethubeni. Yiyo lonto kufuneka uhlale uzikhusele.

UKUZICINGELA NOKUMEDITHEYITHA

Thatha imizuzu yonke imihla uphumble. Imithambho yomphefumlo nokuthoba umoya iyafuneka..

YAKHA ABAHLOBO NABAHLALI

Yenza ubuhlobo nabahlali nemibutho yootitshala abakumhlala phantsi, ukuze ukwazi ukuhlangabezana nemicela mingeni.

INDLELA YOKUPHILA ENGCONO

Yitya ngendlela elungileyo, zilongwe, lijonge ulihoye ilizwi lakho, sela amanzi, yitya ukutya okunesondlo, ukuzilolonga rhoqo.

Indlela ezakhayo zokulawula ikhosi

Amanani amakhulu egumbimbini lokufundela ayingxaki. Ukumisela imikhombandlela gentsebenziswano kwigumbi lokufundela kukhokelela kwimbeko nasekufundeni okuqakayo.

- Makubekho umda: Cacisa imithetho nemida zisuka umane uziphinda phinda.
- Indlela yokwenza: ukujikajiki ume emthethweni kunceda Kakhulu egumbini elinabantwana abaninzi.
- Ukusebenzisana ngobuhlobo: Xa besebenza ngamaqela kwenza ukuba babe noxanduva emsebenzini wabo.
- Izixhobo zokufunda: Sebenzisa imifanekiso yezandla nemiculo kuqhwyatywe nje nge sikhombisi socwangco.
- Yohlula imithetho: Yenze ukuba ilingela abafundi.

Ulawulo kwigumbi elinabafundi abaxutyiweyo

Kweli gumbi lixutyiweyo kunyanzelekile ukuba uzazi izidingo zabo. Qala ukufundisa ngendlela ebadibanisa bonke, sebenzisa amaqela ukukhuthaza intsebenziswana, ayithethi nokuba bohlukele. Xuba imisebenzi bonke bafumane.

Ukuxhasa zonke iindidi zokufunda

Nokuba bangakanani abafundi 15, 20 okanye 40, zakusoloko zikhona ingxaki. Nendlela ezohlukeneyo zokufundisa zibalulekile.

- Ukufunda ngokubona: Oku kokona kuqhelekileyo. Abafundi bahambha phambili xa isifundo sisenziwa, ngokujonga emfanekisweni.
- Ukufunda ngokuva: Abafundi bayifumana kakuhle ingcazelo xa bemamele, bethetha. Bathanda ukuxoxa ukuze bave kakuhle.
- Ukufunda nokuBhala: Apha abafundi basebenza ngokufunda nokubhala. Baya phumelela ekunikeni incazelo ebhaliweyo. Kwaye banesakhono kwingxelo engabhalwanga.
- Ukufunda ngokwenza: Aba bafundi bafunda ngokwenza. Ulwazi baluqokelela ngokuba Yinxalenye baphume phambili kwimisebenzi yezandla.

Umsebenzi woku-1


INcwadi yoMfundi iphepha lesi-2

Abafundi bazisebenzela ngokwabo.

<p>Isikhokelo somsebenzi</p> <p>Funda nabafundi ngokutshintshiselana phakathi kukaKevin noBongani. Xelela abafundi ukuba ukuqala iklasi entsha, ibanga okanye isikolo lithuba elihle lokudibana nabahlobo abatsha. Sebenzisa eli thuba ukukhombisa ukuba abahlobo bethu banokuvula kwiindawo ezohlukeneyo kwaye bathethe iilwimi ezohlukileyo. Babuze ngeendawo abazalelwa kuzo kunye neelwimi ezithethwa ngabanye abafundi.</p> <p>Xelela abafundi ukuba bacinge ngokuba basanda kudibana nomntu omtsha. Ngoku kufuneka bagcwalise uluhlu lwezinto abangathanda ukuxelela umhlobo wabo omtsha ngazo. Nakuba abaninzi kufanele balwazi ulwazi, yiba nemihla yabo yokuzalwa kuwe ukuze uncede nabaphi abantwana abangaqinisekanga.</p>
<p>Iimpendulo ezicetyiswayo</p> <p>Iimpendulo zabafundi mhlawumbi zingaquka ubudala babo, umhla wokuzalwa, isilwanyana okanye into yokudlala abayithandayo. Vumela naziphi na ezinye iimpendulo ezinika olo lwazi ngabo kunye nezinto abazithandayo okanye abangazithandiyo.</p>
<p>Izixhobo</p> <p>INcwadi yoMfundi, ibholpeni / ipensile Incwadi yokusebenzela yoku-1 ye-DBE iphepha lesi-2 ukuya kwelesi-7</p>

Irubhrikhi yohlolo olungekho sikweni:

Umfundi ukwazile uku:	✓	✗
bhala igama nefani nobudala babo		
nika umhla nendawo azalelwe kuyo		
nika ulwazi malunga nesilwanyana sakhe asithandayo		
bonisa into yokudlala ayithandayo		



Ixesha lokuphonononga

INcwadi yoMfundi iphepha lesi-3

Abafundi basebenza ngamaqela.

Isikhokelo somsebenzi

Cacisa umdlalo odlalwa nguBongani. Buza abafundi ngemidlalo yabo abayithandayo. Ukuba liyavuma ixesha, yenza abafundi badlale umdlalo 'upuca'. Cacisa ukuba udlalwa emazweni amaninzi emhlabeni wonke.

Iimpindulo ezicetyiswayo

Lo ngumsebenzi owenziwayo apho abafundi badlala umdlalo.

Izixhobo

INcwadi yoMfundi, izitya, amatye amancinci

Umsebenzi wesi-2

INcwadi yoMfundi iphepha lesi-4

Abafundi basebenza ngamaqela.

Isikhokelo somsebenzi

Yazisa ingqiqo yeziganeko zobomi ngexa ujonge imifanekiso. Gxininisa ukuba iziganeko zobomi zobuqu zomfundi zaqala ukuzalwa kwakhe kwaye ziquka zonke izinto ezibalulekileyo ezenzeke ebomini bakhe ukuza kuthi ga ngoku. Bohlule ngokwamaqela abafundi ukuze kuxoxwe ngemifanekiso. Bakhuthaze abafundi ukuba banxulumanise imifanekiso kwiziganeko ezifana nezenzeke kobabo ubomi kwaye babelane ngazo neqela labo. Bakhumbuze ngokushiyelana ixesha abafundi kwaye babahloniphe abanye xa bethetha.

Cacisa ukuba baza kubuza umntu omdala malunga nesiganeko esikhethekileyo esenzeka ngaphambili kwaye babhale izivakalisi ezihlanu malunga noku. Oku kuza kufuneka kwenziwe njengomsebenzi wesikolo owenziwa ekhaya, ngoko ke qinisekisa ukuba babelwe ixesha eloneleyo kwaye beqonda ukuba umsebenzi wabo kulindelwe ukuba ugqitywe.

IKota yoku-1

Iimpendulo ezicetyiswayo

1. Abafundi bajonga imifanekiso baze bathethe kumaqela abo malunga nento eyenzekayo kumfanekiso ngamnye.
2. Abafundi bathetha ngezinto ezikhethekileyo abazikhumbulayo malunga nobomi babo.
3. Abafundi kufuneka babhale izivakalisi ezihlanu malunga neziganeko ezenzeke ngaphambili. Ziza kohluka iimpendulo kuba ziimpendulo zobuqu ezizodwa kumfundi ngamnye.
4. Abafundi babelana ngamabali wabo neklasi.

Izixhobo

INcwadi yoMfundi, ibholpeni / ipensile

Incwadi yokusebenzela yoku-1 ye-DBE iphepha lesi-2 ukuya kwelesi-7

Nika imizekelo ebonakalayo kulo ngalinye njengoko kuxoxwa ngawo.

- **isiganeko** –into eyenzekayo, eza kwenzeka okanye eseyenzekile



Umsebenzi wesi-3

INcwadi yoMfundi iphepha lesi-5

UbuGcisa obuHlanganisiweyo: Buyilwe kwizinto ezinembonakalo emacala ma-2

Abafundi bazisebenzela ngokwabo.

Isikhokelo somsebenzi

Xoxani ngemifanekiso yoluhlu lweziganeko ezibalulekileyo ezilandelelana ngokokwenzeka kwazo ekwiNcwadi yoMfundi nabafundi. Khuthaza ingxoxo leyo bacebisa ezinye iziganeko zinokubaluleka kubo, njengokukhumka izinyo lokuqala okanye ukufumana isiloqabane.

Cacisa ke ngoku ukuba ngamnye kubo uza kuzenzela eyakho iposta ebonisa izinto ezikhethekileyo ebeziganeko ezibalulekileyo ebomini bakhe. Qiniseka ukuba banesitokhwe sobugcisa kwaye ubanike ixesha esikolweni kunye nasekhaya ukuba bawenze, kuba kuza kufuneka baxoxe ngeziganeko zabo nosapho kwaye ke mhlawumbi basebenzise iifoto.

Iimpendulo ezicetyiswayo

Uluhlu lweziganeko ezibalulekileyo ezilandelelana ngokokwenzeka lunokohluka. Sebenzisa irubhrikhi engezantsi ukuhlola umsebenzi ngokungekho sikweni.

Izixhobo

INcwadi yoMfundi, ibholpeni / ipensile

Incwadi yokusebenzela yoku-1 ye-DBE iphepha lesi-2 ukuya kwelesi-7

Ikhadibhodi, iipensile ezinemibala, iikhrayoni, isikere neglu

Irubhrikhi yohlolo olungekho sikweni:

Umfundi ukwazile uku:	✓	✗
zoba uluhlu lwezehlo ezibalulekileyo ezilandelelana ngokokwenzeka kwazo		
sebenzisa izixhobo zokwenza uluhlu lwezehlo ezibalulekileyo ezilandelelana ngokokwenzeka kwazo		
sebenzisa iifoto nemizobo ukubonisa iziganeko		
fundela iklasi iposta yakhe ngendlela ecacileyo.		

Into enika umdla evela kwixesha lam langaph, imbili**Umsebenzi wesi-4**

INcwadi yoMfundi iphepha lesi-7

Abafundi bazisebenzela ngokwabo.**Isikhokelo somsebenzi**

Jongani imifanekiso nabafundi uze ubacele bachaze into abayibonayo. Khokela ingxoxo, ucacisa intsingiselo ka 'ezidlulileyo' no 'ngoku' emxholweni. Xa kusenzeka, yiza nento okanye ifoto enye okanye ezimbini zakho zangaphambili ukubonisa abafundi njengentshayeleyo kumsebenzi wabo wokubonisa nokuxela.

Cacisa ukuba ngamnye kubo uza kuvungelwa ukuba aze nento yakhe yangaphambili azokuyibonisa iklasi kwaye ayixelele ngayo. Bavumele baxoxe ngezimvo ezithile kwaye uqinisekise ukuba bayayiqonda into abaza kuthetha ngayo.

Izixhobo

INcwadi yoMfundi, ibholpeni / ipensile


Incwadi yokusebenzela yoku-1 ye-DBE iphepha lesi-2 ukuya kwelesi-7

Imifanekiso eyongezelekileyo kunye / okanye izinto zobuqu ezibonisa izinto ezidlulileyo kunye nangoku.



Nika imizekelo ebonakalayo kulo ngalinye njengoko kuxoxwa ngawo.

- **kudala** – ixesha elidlulileyo
- **ngoku** – ixesha esikulo ngoku
- **enika umdla** – into ofuna ukufumanisa ngayo, etsala ingqalelo yakho



Ixesha lokuphonononga

INcwadi yoMfundi iphepha lesi-8

UbuGcisa obuHlanganisiweyo: Yila kokunembonakalo emacala ma-2 nokunembonakalo emacala ma-3

Uqukaniso

Vumela abafuni abanokukhubazeka nabasokola ukubhala nokuzoba ukuba baqokelele imifanekiso yeephiramidi ezahlukeneyo.

Isikhokelo somsebenzi

Qala ngokucacisa ukuba iphiramidi sisakhiwo samandulo. Babuze zeziphi iimilo ezinembonakalo emacala ma-2 (2D) nezimbonakalo emacala ma-3 (3D).

Cacisa ukuba ngoku baza kufunda ukuzoba iphiramidi. Usebenzisa imiyalelo ekwiNcwadi yoMfundi, bonisa oku njengoko bekwenza ebhodini, ngendlela elula yenyathelo ngenyathelo. Qiniseka ukuba bonke abafundi baligqibile inyathelo ngalinye phambi kokuya kwinyathelo elilandelayo de ugqitywe umzobo.

Iimpendulo ezicetyiswayo

Lo ngumsebenzi owenziwayo osebenzisa ukwakha iphiramidi emacala ma-3.

Izixhobo

INcwadi yoMfundi

Imathiriyeli yobugcisa irula, iipensile, iphepha, udongwe lokudlala.



Nika imizekelo ebonakalayo kulo ngalinye njengoko kuxoxwa ngawo.

- **UmYiphutha** - umntu ohlala kwilizwe laseYiphutha
- **iphiramidi** - isakhiwo esikhulu esakhiwa mandulo esimile njengonxantathu

Masikhangele

INcwadi yoMfundi iphepha le-9

Isikhokelo somsebenzi

Cacisa ukuba abafundi baza kwenza iposta emalunga nabo. Benze bafunde imiyalelo elandelayo ngokuzimeleyo. Besebenzisa izakhono zabo zokusebenza ngokuzimeleyo kunye nezicelo zoncendo ukuhlola inqanaba lokuqonda kunye nokukwazi ukufunda, ingqiqo nokulandela imiyalelo.

Cacisa ukuba yintoni udliwanondlebe phambi kokuba bazame ukuphendula umbuzo wesi-2 abafundi. Baxebele ukuba banombole kuqala baze babhale imibuzo yabo kwiincwadi zabo zokusebenzela. Babeke ngezibini abafundi uze ubanike ixesha lokwenza udliwanondlebe nokurekhoda iimpendulo. Nika umfundi ngamnye ithuba lokwabelana ngento afunde ngayo kudliwanondlebe nomhlobo.

Iimpendulo ezicetyiswayo

1. Iiposta ziza kohlukana kodwa kufuneka ziquke yonke imiba exelwe kwiNcwadi yoMfundi. Sebenzisa uluhlu lokukhangela ukuhlola.
2. Abafundi kufuneka baziqambe eyabo imibuzo efanelekileyo malunga nolwazi lobuqu, izinto abazithandayo nabangazithandiyo. Khangela ukusebenzisa kakuhle amagama emibuzo (phi, yintoni, nini, njani, njl. njl.) kunye nokusetyenziswa kweempawu zombuzo. Iimpendulo ezirekhodiweyo kufuneka zihlolwe ngokungekho sikweni kananjalo ukupela, igrama nokufaka iziphumlisi. Indlela ababeke ngayo into abayifundileyo malunga nabahlobo babo inokuhlolwa njengeyenziwa ngomlomo (intetho).

Izixhobo

INcwadi yoMfundi

Ikhadibhodi, iikhrayoni, iimagazini, isikere, iglu

Imidlalo

Umdlalo webhodi wako konke okumalunga nam

Indlela yokudlala: Bohlule ngokwamaqela abafundi. Yenza iikopi zesikhokelo somdlalo webhodi (IPhepha lokuSebenzela lomThombo loku-1). Yenza ukuba ilungu ngalinye leqela lize nemibuzo yesihloko om-1 ukuya kwemi-2 eza kubhalwa kwiibhloko (ngokuxhomekeke kwinani labafundi abakwiqela), kushiywa izikhewu ezithile zingabhalwanga. Nazi izimvo ezithile zemibuzo yesihloko ukuba bafunda isikhokelo abafundi:

- Ngowuphi umdlalo wakho owuthandayo webhodi / umdlalo waphandle / umdlalo weintanethi?
- Ngowuphi umdlalo owuthandayo?
- Uhlala nabani?
- Yeyiphi ilekese oyithandayo?
- Leliphi ibali olithandayo?
- Yeyiphi inkqubo ye-TV oyithandayo?
- Yeyiphi iholide oyithandayo oluyibhiyozelayo usapho lwakho?

Nika abafundi idayisi nezixhobo zokubala. Benze batshintshisane ukuqengqa baze baphendule imibuzo emalunga nabo de bafike kwisikwere esisesiphelweni.

Ingaba ungakhetha?

Indlela yokudlala: Lo mdlalo unokuba nobuhla okanye undileko kwaye usebenza kakuhle njengentshayeleyo 'yokwenza ukuba abantu bazane'. Abafundi kufuneka bakhethe phakathi kokhetho olukabini kwaye banike izizathu zeempendulo zabo. Qinisekisa ukuba umfundi ngamnye uphendula ubuncinane bombuzo omnye. Ukuba lifutshane ixesha, bohlule babe ngamaqela uze unike iqela ngalinye imizuzu embalwa yokuxoxa ngeempendulo zabo nabanye. Zininzi izimvo zemibuzo ezifumaneka kwiintanethi. Nazi izimvo ezithile zemibuzo:

- Ungakhetha ukuqubha nookrebe okanye ukulala ebhedini neenyoka?
- Ungakhetha ukubuyela kwiminyaka eli-10 yangaphambili okanye ukuya kwiminyaka eli-10 ezayo?
- Ungakhetha ukutya iqanda okanye uqongqothwane okrwada?
- Ungakhetha ukuya kwiholide ebhitshini okanye ehlathini?
- Ungakhetha ukuba ukwazi ukubhabha okanye ukungabonakali?
- Ungakhetha ukuba yirobhothi enokwenza umsebenzi wakho wesikolo owenziwa ekhaya okanye leyo ingenza imisebenzi yakho yasekhaya?

Umdlalo woluhlu lweziganeko ezibalulekileyo ezilandelelana ngokokwenzeka ‘Womhlaba ojikeleza ilanga’

Indlela yokudlala: Yenza abafundi beme ngesangqa. Beka isangqa esityheli sephepha okanye ikhadi embindini wesangqa ukuba simele ilanga. Nika umntwana ngamnye ikopi yePhetshana lokuSebenzela lomThombo lesi-2 nepensile, abayibeka phantsi phambi kwabo

Bafundise amagama eculo lengonyana yekhorasi elithi ‘Umfama usedeli’.

Umhlaba ujikeleza ilanga

Umhlaba ujikeleza ilanga

Unyaka wonke opheleleyo uyadlula

kwaye sibanye!

Umgca wokugqibela wesicengcelezo uza kutshintsha ngenguquko yokujikeleza nganye ‘kwilanga’ isiya kwisibini, isithathu, isine njl. njl.

Abafundi bayacula ngexa behamba ngesangqa bejikeleza ‘ilanga’. Emva koguquko ngalunye, bema ngakumaphepha abo baze bazobe into abanokuyenza kobo budala. (Nika iingcebiso ngeziganeko ezibalulekileyo kwabo baselula ngeminyaka.)

Ekupheleni komsebenzi, abafundi banokubonisa ngoluhlu lweziganeko ezibalulekileyo ezilandelelana ngokokwenzeka eklasini.

Amaculo nemidlalo

UbuGcisa nezemiThambo

Kulo msebenzi uza kufuna iibhola zokukhaba, neteyiphu okanye itshokhwe yokuphawula iindawo ekuqalwa kuzo kwimisebenzi yeeathletiki.

Zifudumezeni ngokujolisa ekuphefumleni (umzekelo, phefumla nzulu uze wenze ngathi uvuthela ibhaluni kancinci). Landela ngokuzolula kancinci, usolula iingalo kwaye ugoba esinqeni.

Icala: Beka abafundi ngezibini uze ubenze bakhabe ibhola iye emva naphambili, betshintsha phakathi konyawo olusekunene kunye nolusekhohlo.

Isingqisho: Yenza abafundi beme kwindawo yokuqalisa emgceni ukuze benze ugqatso lobuhlobo. Bonisa ukuba babuthuma njani kwaye balunge phambi kokutsiba umgama omfutshane (buthuma... lunga... baleka!).

Ngoku benze ukuba bame kwindawo yokuqalisa uze ucacise ukuba baza kutsibela kude kangangoko benako beqala njengoko benokuqala betshintsha imilenze (bonisa isenzo sokutsibela kude). Benze bazame oku amaxesha ambalwa de bafumanise ukuba ngowuphi umlenze abakhululekileyo ukuqala ngawo.

Phumla ngokwenza ukuba balale ngemiqolo yabo abafundi baze bacinge ngokuphefumla umoya opholileyo.

Irubhriki yohlolo olungekho sikweni:

Umfundi ukwazile uku:	✓	✗
thatha inxaxheba kwimisebenzi yesiqhelo yokuzifudumeza nokuphumla		
khaba ibhola ngazo zombini iinyawo olusekhohlo nolusekunene		
thatha inxaxheba ngokutsibela kufutshane ngesingqisho		
misela isikhundla sokutsibela kude okhululekileyo kuso.		

Umsebenzi wesi-2: Ukuqamba nokutolika

Usebenzisa iculo elilula elaziwa ngabafundi. Benze bafudumeze ilizwi ngokucula ngaxeshanye, bevumelana kunye nangexesha.

Ngoku yenza bahlale ezidesikeni zabo abafundi. Baza kuyila iipateni zezingqisho

besebenzisa ukuhlokomisa, kwiidesika zabo kwaye beqhwaba izandla zabo. Qala ngokubafundisa isingqisho esilula, umzekelo, baqhwabe izandla kabini kuze kube kanye ezidesikeni zabo.

Ungakwandisa oku kuye kwisingqisho eside ukuba bonke abafundi bayamelana noku, ngokubhala ebhodini ukubaqhelanisa nokufunda isingqisho.

Kuya kuba luncedo ke ukucacisa iibhithi nokuphumla.

Ubude bamaxesha eenowuthi:

- Isemibreve (inowuthi epheleleyo): izingqisho ezine
- Iminim (inowuthi esisiqingatha): izingqisho ezibini
- Ikhrotshethi (inowuthi eyikota): izingqisho esinye

Ubude bamaxesha enzolo:

- Inzolo kwisemibreve: izingqisho ezine
- Inzolo kwiminim: izingqisho ezibini
- Inzolo kwikhrotshethi: izingqisho esinye

Sakube simiselwe isingqisho, dlalani umdlalo wedrama ngokuba abantwana bakhwaze amagama abo ngesingqisho. Oku kunokuhlanganiswa kwisihloko kwaye kwandiswe ngokuxela ukutya, izilwanyana ezithandwayo njalo njalo.

Ukuvala, bonisa abafundi umfanekiso ka-Adamu kwakhona ezama ukufundisa abahlobo bakhe ukudlala umdlalo. Bohlule ngokwamaqela abafundi uze ubenze badlale ukuba ngabahlobo abafunda ukudlala umdlalo. Bakhuthaze ukuba babaxe kwaye bonwabe ngendlela odlalwa ngayo umdlalo.


Irubhrikhi yohlolo olungekho sikweni:

Umfundi ukwazile uku:	✓	✗
cula iculo ngaxeshanye nabanye		
gcina isingqisho esilula usebenzisa intlokoma		
dlala umdlalo weqonga ngesingqisho		
thatha inxaxheba emdlalweni.		

Iphetshana lokuSebenzela lemiThombo loku-1:

Igama nefani:	
IBanga:	UMhla:

Umzekelo:



I. Gqibezela izivakalisi:

Igama lam ngu

_____ ubudala.

Ndiyi (nkwenkwe/

ntombazana) _____

Ndazalwa ngo (usuku) _____ (inyanga)

_____ (unyaka) _____.

Ilizwe endazalelwa kulo yi

Isikolo endisihambayo yi

Igama likatitshala wam

ngu _____

Igama lomhlobo wam

ngu _____

Ukutya kwam endikuthandayo

yi _____

Umbala wam endiwuthandayo

ngo _____

2. UThandi uzama ukwenza uluhlu lweziganeko ezibalulekileyo ezilandelelana ngokokwenzeka kwazo lwezinto ezenzeke ebomini bakhe. Mbekele ngokulandelelana kwazo ngokubhala 1, 2, 3, 4, okanye isi-5 kwisikwere esisecaleni kwesiganeko.

	Ndadibana naye kwiBanga lesi-3 utishala wam omtsha!
	Ndazalelwa eMzantsi Afrika.
	Ndiqale ukuya esikolweni esitsha kwiBanga loku-1.
	Ndafumana injana entsha kwiBanga lesi-2.
	Ndafunda ukuba kuhanjwa kwaye kuthethwa kanjani.

3. Usapho lwakho luyinxenye ebalulekileyo yexesha lakho elidlulileyo nelangoku. Zoba umfanekiso walo apha:

Isihloko sesi-2 Iimvakalelo

Umandla wokufunda	Iimvakalelo
Ixesha lokufundisa	Iiyure ezi-6
Iziphumo zokufunda	<p>Ekupheleni kwesi sihloko, abafundi kufuneka bakwazi:</p> <ul style="list-style-type: none"> • ukuchonga iimvakalelo novakalelo olwahlukeneyo kubo nakwabanye • ukuthelekisa iimvakalelo ezohlukeneyo kwaye baqonde ukuba zinokutshintsha njani na kwiimeko ezohlukeneyo • ukunxibelelana ngeemvakalelo zabo ngeendlela ezisempilweni besebenzisa amagama, imbonakalo yobuso, nokuthetha besebenzisa amalungu omzimba • ukuvakalisa iimvakalelo ngendlela esempilweni, beqonda ukubaluleka kokwabelana nokuthetha ngovakalelo.
Izakhono	<ul style="list-style-type: none"> • Izakhono zokuchonga: Ukufunda nokuxela iimvakalelo ezohlukeneyo. • Izakhono zokuthelekisa: Ukuthelekisa iimvakalelo ezohlukeneyo nobunzulu bazo. • Izakhono zoxibelelwano: Ukuvakalisa iimvakalelo ngamagama nokuthetha ngezandla. • Izakhono ezisempilweni zokuzivakalisa: Ukubonisa iimvakalelo ngendlela esempilweni nenentlonipho.
Ulwazi	<ul style="list-style-type: none"> • Abafundi kufanele ukuba banolwazi olunyukileyo lokuqonda ezabo iimvakalelo kwaye baqonde uvakalelo olwahlukeneyo. • Baziqhelanise ngokuvakalisa iimvakalelo zabo ngeendlela ezisempilweni nezifanelekileyo.
Ixabiso	<ul style="list-style-type: none"> • Ukuhlonipha imithombo: Ukusebenzisa imithombo yendalo ngononophelo nangokuthatha uxanduva • Ukufuna ukwazi: Ukuba nomdla wokufunda ukuba zenziwa njani izinto
